*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.*

*ULara, ubhantom otyheli*
*(Lara the Yellow Ladybird)*
Illustrated by Catherine Holtzhausen
Written by Martha Evans
Designed by Nadene Kriel
Edited by Ester Levinrad
Translated by Nal'ibali
with the help of the Book Dash participants in Cape Town on 5 March 2016.

ISBN: 978-1-928377-48-1

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.





ULara, ongubhantom, wayeyirhorho ekhethekileyo. Wayengafani tu nabahlobo bakhe, kuba yena wayenamaphiko akhazimlayo natyheli.



Wonke umntu wayewathanda amaphiko akhe atyheli.

Rhoqo kusasa, uBhibhi Bhabhathane wayebulisa uLara, kanti noManto Mntanezulu wayethanda ukumbulisa, ngokumwangawangisela.



Nkqu noSesa Sigcawu onolunya kunene
wayekuvuyela ukubona uLara.



Esikolweni, uLara wayedlala
nabahlobo bakhe abaninzi.

Kodwa uLara wayefuna ukufana nabanye oobhantom. "Akwaba bendinamaphiko abomvu njengawe lo, Mama," watsho elila.



Ngenye imini, umama kaLara wapeyinta amaphiko akhe abomvu krwe, ngelizama ukumonwabisa.





Ngentsasa elandelayo,
akukho nomnye umntu
owambulisayo uLara
endleleni eya esikolweni.



Akufika esikolweni, akukho namnye kubahlobo bakhe owamnika nomolo lo.



ULara wahlala yedwa tshu.

Akho namnye owawaqaphelayo amaphiko akhe amatsha abomvu wade uNkosazana Miya wambona wathi, "Lara, uwapeyintile na amaphiko akho atyheli!"





Oothuka kakhulu amaqabane kaLara.
"Amaphiko akho atyheli akhethekile!"

"Awaqhelekanga tu!
Anqabile kakhulu!" batsho.

“Lara,” wakhwaza watsho uNkosazana Miya, “amaphiko akho atyheli ngawo akwenza ube ngulo mntu unguye – njengechokoza likaSipho nemilenze kaSally.”





Akufika ekhaya uLara, wahlamba wayikhucula yonke loo peyinti kumaphiko akhe abengezela bugolide.



“Soze ndiphinde ndiwapeyinte amaphiko am!” wacinga njalo. “Mhlawumbi ndakukwenza oko kanye okanye kabini ...”



"…ndizame umbala omfusa … okanye
enye nje into entle. Kodwa ingabi
yinto esisigxina, ibe yinto nje yokuzonbisa."



